



Kukuthini ukulaliswa komntwana wakho ngaphambi kotyando?

Ukudoma umntwana wakho xa ezokwenza utyando kukunika umntwana iyeza ngenjongo zokuzama ukunceda umntwana wakho ukuba angabikho zingqondweni futhi angaboni, angeva xa kuthethwa okanye angeva kwanto eyenziwa kuye xa etyandwa.

Nguqirha onjani owenza lomsebenzi wokulalisa umntwana wakho?

Ugqirha olalisa abantwana (ngamanye amaxesha ubizwa ngengcaphephe kulaliso lwabantwana) yingcaphephe kagqirha okunguye onceda abantwana bangeva kwanto xa besenza utyando ikwanguye nojonga umntwana de kugqitywe ukutyanda umntwana lowo. Umsebenzi wethu kukuqinisekisa ukuba umntwana wakho ukhuselekile futhi ukhululekile futhi unikwa amayeza awadingayo azomnceda angeva ntlungu.

Ngaphambi kokuba uze esibhedlela:

Umntwana wakho kufuneka umlungiselele utyando ngolwimi aluqondayo. Wena kufuneka ube uxelwe ngokucacileyo ukuba umntwana wakho angatya nini futhi asele nini ngaphambi kokuba atyandwe. Kubaluleke kakhulu ukulandela lemiyalelo, njengoko ukutya okanye amanzi asesiswini emntwaneni wakho angenyuka aze emqaleni amoshe nemiphunga yakhe xa etyandwa. Ukwenza lento ibelula emntwaneni wakho sicela ungatyi okanye ungaseli phambi kwakhe. Umntwana wakho ungamtyisa ukutya okulula okanye ubisi lwenkomo/ ubisi lwesipononi ukuyotsho KWIYURE EZINTANDATHU ngaphambi koba atyandwe.

Iintsana zingancanciswa kude kube ZIYURE EZINE ngaphambi kokuba zihlinzwe. Abantwana bangasela umbhubhuda (ndithetha ukuthi kwanto ongakwazi ukufunda iphephandaba ulibele ngaphantsi kwesisele eso) njenga manzi, ijusi ye apile okanye iOrosi kude kebethe IYURE EZIMBINI ngaphambi kokuba atyandwe, kodwa hayi isihlahlwazi okanye kwanto ene deri njenge tropika "tropica" okanye amasuntswana anje ngejusi ye orenji.

Phambi kokuba utyandwe:

Ugqirha wakho olalisa abantwana uzoqokubona kwi wadi yakho ngaphambi kokuba uze ethiyetha "theatre". Sicela usixelele ngezgulo anazo umntwana, izinto igazi lakhe elingadibani nazo (i-aleji) kunye notyando akhe walwenza ngaphambili. Ukuba umntwana wakho ebeke wakhohlela apha ezintsukwini okanye ebeke wanomkhuhlane okanye ebeke wane qhwiqhi, sicela usazise. Sizothetha nawe ngayo yonke inxalabo okanye imibuzo onayo, futhi sizothetha nangamayeza okuphelisa intlungu ongawakhethelela umntwana wakho xa kudingeka. Maxa wambi kunganyanzeleka silibazise/ sibhekise usuku lotyando ukuze umntwana wakho akhuseleke, umzekelo uba umntwana unezifo zesifuba, okanye ebeqgiba kutya.

Abanye abantwana bangancedwa ngokunika iyeza lokwehlisa ixhala ngaphambi kokuba beze kwigumbi lotyando ukuze bangaxhali kakhulu. Lento ungayithetha nogqirha ozolalisa umntwana utyando.

Xa umntwana elala

Uzokwazi ukuza egumbini lotyando nomntwana wakho. Sicela ukhululeke ukuza nayo noba yintoni ezomenza azive ekhululekile, njenge ngubo ayithandayo, incwadi okanye idami "dummy". Uvumelekile ukuza nento yokulibazisa umntwana ade alale, njengomdlalo amthandayo okanye umdlalo bhanyabhanya efowunini yakho. Iyeza elinceda umntwana angeva ntlungu linikwa ngokutofwa emthanjani okanye igesi efakwa apha empumlweni uba ayiphefumle. Ugqirha olalisa abantwana uzothetha nawe ngelona yeza limlungelweyo umntwana wakho ngaphambi kokuba uze kwigumbi lotyando. Sicela usazise uba umntwana wakho unento

ayikethayo – abanye abantwana sebekhe balwenza utyando ngaphambili futhi bangakhetha into ethile okodlula enye. Ukuba umntwana wakho ukhetha ukuthatha isitofu, sizomqaba ezandleni ngekhrim "cream" ezomenza angeva ntlungu ngaphambi kokuba uze kwigumbi lotyando. Uba ukhetha le efakwa empumlweni, sizosebenzisa imaski ezokogquma umlomo nempulo yomntwana. Le gesi iyanuka kancinci, inuka njengesipolishi mazipho okanye njengosiba lomsizi, kodwa ayibuhlungwanga. Le indlela yokwenza ithatha ixesha elidana ukusebenza futhi umntwana wakho angaguquququka/ashukushukume ngendlela ongayiqhelanga ngokuya esozela/elala. Ezizinto ziqhelekile futhi sizothetha nawe ngazo.

Siyayiqonda into yokuba akubabo bonke abazali abakwaziyo ukumelana nokujonga umntwana wabo utyandwa. Akukho xinzelelo elukunyanzela uze kwigumbi lotyando xa ungakwazi kunyemezela. Thina sikhona sizokujongela umntwana.

Ngexesha lokwenza utyando:

Ugqirha olalisa umntwana wakho uzohlala nomntwana wakho kude kugqitywe utyando, embeke esweni ngokuqhubekaka, emnika amanzi adingekayo, amayeza kunye namayeza adingekayo azomnceda ezintlungwini.

Emvakotyando.

Emva kotyando, umntwana wakho uzosiwa kwigumbi labachacha kuhle apho azojongwa khona ngomongikazi abaqeqeshiweyo. Xa umntwana wakho sele ephapheme, uzobizwa ukuba uze kwigumbi labachacha kuhle uzobanaye. Sicela umphathele noba yintoni ezomthuthuzela, njengento yokudlala ayithandayo, ingubo, okanye ibhotile. Sicela wazi ukuba umntwana wakho anganganiseki ukuba uphi, ngokungazi indawo le avuka kuyo futhi neyeza ebelilaliswe ngalo linegalelo, angangakwazi nokukwazi xa eqala ukukubona. Yinto eqhelekileyo le futhi izodlula.

Xa ufika ekhaya, abanye abantwana bayatefa kunesiqhelo futhi abalali ngexesha abaqhele ukulala ngalo okwentsukwana. Isiqinisekiso sakho kuphela kwento edingekayo.

Iziphumo ezimbi kunye neengxaki.

Ezona ziphumo zimbi eziqhele ukwenzeka azibulali, zikhawuleza zidlule, futhi ziyanyangeka. Ziquka isicaphucaphu (sino okanye singenakugabha), umqala obuhlungu nentloko ebuhlungu. Umntwana wakho angase azive ediniwe, okanye engenguye okwethutyana.

Ezinye iingxaki ezinzulu njenge aleji/ ukungadibani nabayeza athile zinqabile futhi zibekwa esweni. Naziphi na izinto ezingathi zihambe kakubi ezinxulumene notyando uzokwiziswa ngazo.

Ubungozi.

Kuyafana nokuqhuba imoto yakho, alukho utyando olungaqinisekisa ukungabinabungozi, kodwa, ubuchule banamhlanje bokulalisa unntwana, amayeza, ukubeka esweni kunye noqheqheho olunikezwa abalalisi nabatyandi kwenza utyando lukhuseleke. Uba unemibuzo ngotyando lomntwana wakho, khululeka ubuze ugqirha ozolalisa umntwana wakho.